

ekuseleni azive selenamandla nje ngengonyama, alwe nabo bonke abantu, abethe aze maxawambi abulale nezihlobo zakhe.

Umlilo wotywala ngaphakathi kwakhe wandisa unxano, ize nengqondo yakhe isuke endaweni yayo angayazi into ayenzayo. Intloko yakhe ijikeleze imenze ukuba agxadazele aze ekugqibeleni awele eludakeni nje ngehagu. Umntu onjalo uyakuphelela esihogweni sanaphakade ukuba akathi uTixo ngencebisa yakhe amenze ukuba aguquke afune uTixo afumane usindiso kuYesu Kristu akhululwe esonweni afumane ubomi obutsha.

Nceda ufunde incwadi kaTixo. (kwabaseGalati 5:19-21; Isityhilelo 21:8).

“Kuba bonke bonile basilelela eluzukweni lukaTixo, akukho namnye ulilungisa.” (AbaseRoma 3:10,23). “Umphefumlo owonayo, kuya kufa wona.” (Hezekile 18:4). “Ukuba sithi asinasono, siyazikhohlisa inyaniso ayikho kuthi, ukuba sithi zizivume izono zethu uthembekile ulilungisa ukuba asixolele izono zethu asihlambulule kuko konke okungalingisi, lithi negazi likaYesu Kristu uNyana wakhe lisihlambulule kuso sonke isono.” (1 Yohane 1:7-10).

UTHIXO UTHANDA ABONI

UTixo uyamthanda umoni kodwa uyasicaphukela isono. Uxunele ukwahlukanisa umoni nesono. UYesu akazange eze kufuna amalungisa kodwa weza kufuna aboni ukuba baguquke. (Mateyu 9:13). Uze kufuna nokusindisa aabo balahlekileyo. “Sithe sakubona ukuba singaboni uKristu wasifela. (KumaRoma 5:8). UYohane umBaptizi utha akubona uYesu esiza wathi: “Naantso imVana kaTixo esusa iSONO sehlabathi.” Akezanga kusixolela kuphela izono zethu, kodwa weza kususa isono, ukusikhulula emandleni aso naselulawulweni lwaso, ukusikhulula emthethweni wesono esisinyanzela ukuba senze into ebesingafuni kuyenza sisilibazisa ukuba singenzi ubuhle ebesithanda ukubenza.

Kuyinto entle kangakana ni xa umntu efika kwithuba lokuba aqonde azi ukuba yena ngokwakhe ungumoni olahlekileyo kwaye akanakuze azikhulule. Uyakukhala athi: “Athi ke mna mntu uludwayi! Azi ngubani na oyakungihlangula?” (AbaseRoma 7:18-25). Ngokukhangela kuYesu owathwala izifo zakhe nezono zakhe ngomzimba wakhe emnqamlezweni uyakuba nakho ukuthi “Ndiyabulela kuTixo ngoYesu Kristu kuba umthetho woMoya wobomi kuKristu

If you have found salvation in Christ, or have been otherwise blessed through our Gospel literature, please let us know. We would like to thank God with you, and remember you further in our prayers.

For free Gospel literature, books and tracts in over 540 languages, write to:

EMAIL: info@angp.co.za

ALL NATIONS GOSPEL PUBLISHERS

P.O. Box 2191, PRETORIA, 0001, R.S.A.

(A Gospel Literature Mission financed by donations)

(Reg. No. 1961/001798/08)

wandikhulula emthethweni wesono nokufa.’ (AbaseRoma 8:2).

“Ngoko isono ma singalawuli emzimbeni wenu onokufa ukuze nisilulamele ngokwenza iinkanuko zawo kuba isono asiyi kuniphatha ngabukhosi, kuba aniphantsi komthetho niphantsi kobabalo.” (AbaseRoma 6:12-14).

Ukhoho lwethu kuYesu Kristu luloyiso oloyisa ilizwe. Ngubani na lowo uleyisayo ihlabathi, ingenguye okholwayo ukuba uYesu unguye uNyana kaTixo, owasusa izono zethu ngomzimba wakhe emnqamlezweni. (1 Yohane 5:3-5,12,18).

UYesu akezanga kususindisa kodwa ngegazi lakhe, asihlambulule kuso sonke isono, weza kananjalo ukusibaptizesha ngoMoya Oyingcwele nangomlilo, ukusizalisa ngamandla avela phezulu. Usenza sibe ngaboyisa isono, inyama noSathana, asinike isitsaba sobomi nesobuqaqawuli. (Yakobi 1:12; 1 Petrose 5:4; Isityhilelo 2:10; 3:11).

“Lowo weyisayo ndiyakumvumela ukuba ahlale nam etroneni yam nje ngokuba nam ndeyisayo ndaza ndahlala phantsi noBawo etroneni yakhe.” (Isityhilelo 2:7,11,17,26; 3:5,12,21).

“Yaphoswa phantsi inamba enkulu, inyoka yakudala leyo kuthiwa ngumTyholi lowo ulilahlekisayo elimiweyo liphela, waphoswa edikeni lomlilo nesulfure, uyakuthuthunjelwa imini nobusuku kuse emaphakadeni asemaphakadeni. (Isityhilelo 12:9; 20:10).


“Wathi uYehova kuMoses, zenzele inyoka enobuhlungu uyixhome esibondenini eside, kothi **bonke** aabo baluniweyo, bakukhangela kuyo baphile kwathi yakuba ithe inyoka yamluma umntu, waza wabeka enyokeni yobedu, **waphila**. (Numeri 21:8,9).

“Nje ngokuba ke uMoses wayiphakamisayo inyoka entlango (Numeri 21:9) umelwe kukuphakanyiswa ngokunjalo uNyana womNtu ukuze **bonke** (mna nawe) abakholwayo kuye bangatshabalali koko babe nobomi obungunaphakade.” (Yohane 3:14-16).

KHOLWA NGOKUPHELELEYO KUTIXO. “Kholwa kuyo iNkosi uYesu Kristu wosindiswa wena nendlu yakho. (Izenzo 16:31).

J.R. Gschwend.

Umphefumlo owonayo,
kuya kufa wona.
Hezekile 18:4



Sakubona ukuba
sesingaboni uKristu
asifele.
AbaseRoma 5:8

XHOSA – Snake Guide

UKUKHULULWA ESONWENI NASEKUL AHLWENI

Isono yingcinga, ilizwi, isenzo, okanye ukungenzi oko kufuneka umntu ekwenzile okanye umnqweno ongeyontando kaTixo, okanye olwa nomthetho kaTixo. Kukulwa noTixo oyingcwele umDali wethu. Kuyinyoka eyoyikekayo, embi enobuhlungu obubulalayo. Nje ngokuba kunokubulala ukulunywa yinyoka ukwanjalo nomvuzo wesono kukufa, ingekuko oku kufa ukwaziyo, ukufa komoya naphakade, ususwe kuTixo wahlukaniswe naye nobuqaqawuli bakhe.

Ma sikhangele **isono nje ngokuba sinjalo**, nje ngalendlela uTixo asibona siyiyo, hayi nje ngendlela usathana asibona siyiyo, ngoba yena ngumdali wesono, ke nathi ufuna ukuba sisibone ngalendlela yakhe. USathana owaxoka kwa sekuqaleni usibonisa isono ngendlela entle, enomtsalane, enze ukuba kube lula ebantwini ukuwela kuso. Ukuba abantu bebenokusibona ngendlela yaso, bebeyakusi-caphukela, basicekise, basibaleke, okanye bazame ukusibulala nje ngokuba umntu ebulala inyoka xa eyifumana endlini yakhe. Isono sisigebenga esoyikekayo. Sitshabalalisa umntu kanye nesizwe siphela. Isono lolona lona tshaba lwethu lukhohlakeleyo.

Bubudenge ukucinga ukuba ungalala ngesono, kuba emva kwexesha siyakukuluma sikutshabalalise, ulahleke unaphakade.


Kwakukho umntu phaya eBayi owayegcina iinyoka kulandawo zigcinwa kuyo, wayengumntu ophile kakuhle, wasuka ngenye imini kubanda waya emsebenzini ezinyokeni ekhe wasela utywala. Zonke iinyoka zazizisongile ngenxa yengqele. Lomfo wathatha enye yezona nyoka zikhohlakeleyo wayifaka esifubeni sakhe ukuba ifudumale, watsho esithi, “Siaram, ugodole yiza ndikufudumeze.” Wayifaka wayiqinisa esifubeni sakhe. Ngokwenene inyoka yafudumala yaza yathi ukumbulela kwayo yamluma. Akubanga sadlula neyure, wafa kuzo zonke izinto athe ugqira wamnika zona ukulwa nobuhlungu

benyoka. Phambi kokuba ehlelwe yilento ndandikhe ndathetha naye ukuba anikele ubomi bakhe eNkosini ndaza ndamyala nokuba ayiyeke lento yokudlala neenyoka kodwa onke loomazwi akazange awathathele ngqalelo. Akunakuze uthabathe isono usibeke esifubeni sakho ukuze singakulumi!

Yiyo lonto uTixo asithiye kangaka isono ngayo yonke intiyo kukuba silahle uluntu lonke luphela, salahla indalo kaTixo yatsho yangena ebunzulwini bentlupheko, nobuhlungu, nentshutshiso. Siso esibangele ukuba uYesu Kristu uNyana kaTixo afe emNqamlezweni. Phambi kokuba umhlaba wenziwe uTixo wenza indlela yosindiso, ukuze abantu basinde esonweni, ekuguleni nasekufeni, UYesu uNyana wakhe okuphela kozelweyo kwakufuneka ukuba enziwe isono ngenxa yethu ukuze thina sibe kukulunga kwakhe uTixo ngokukholwa kuye uYesu nasekufeni kwakhe eKalvari. Isono sibi, sithoba isimo somntu, siyagulisa, siyazicingela, singcolisa umntu simenze abe likhoboka. Umntu waso uyangcungcutheka ubusuku nemini, ekugqibeleni uya esihogweni. Thabatha nangu umzekelo malunga notywala ubone ukuba utywala bumenza ntoni umntu, odalwe ngokomfuziselo kaTixo. Bumenza ipikoko, inkawu ingonyama, ekugqibeleni bumenze ihagu.




Xa umntu ekhe wasela nje kancinci umoya wekratshi nokungacingeli omnye umntu ukhawuleze ungene. Aqale ukudlala ngemali kanti usapho lwakhe luyalamba ekhaya, aqhubele phambili ukusela aphume into emlonyeni aqale ukuzibona ukuba yena ungunyana kabani azenze inkawu. Uqhubela phambili



UTixo akabe-
nzanga baba
bubudenge na
ubulumko beli
hlabathi?
I Kor. 1:20

**UBULUMKO
BELIZWE**



Inyoka yakuda-
la uSathana
lowo ulilahleki-
sayo elimiweyo
liphela
Isamb. 12:9

**U ANTIKRISTU
UTIXO WELIZWE**




Bonke bephela
bazintshembenxa
nabenzi bobubi
Isaya 9:17

**UTIXO UBUTHIYILE
UBUNTSEMENXA
OKANYE INKOHLSO**



Indoda emphe-
fumlo umbaxa
iyahlozinga ku-
zo zonke iindle-
la zayo.
Yak. 1:8.

**NENTLIZIYO
EMBAXA
UYITHIYILE**



Abenza umbulo
nabakrezezi
uTixo uyaku-
bagweba.
Heb. 13:4

**IINKANUKO ZENYA-
MA. U KUTHANDA
UMHLABA**



UBUNXILA

Amanxila
akayi kubu-
dla ilifa
ubukumkani
bukaTixo
I Kor. 6:10




Kuba uku-
thanda ima-
li yingcambu
yeento zonke
ezimbi
I Tim. 6:10

**UKUTHANDA
INDYEBO
NOKUNYOLUKA**


NOBA NGABAKHULULEKILEYO

Yohane 8:33

NGOKO U-KUBA UNYANA (UYESU) UTHE WANIKHULULA NOBA NIKHULULEKILE INENE Yohane 8:36
NGOKO ISONO MA SINGALAWULI EMZIMBENI WENU ONOKUFA. Roma 6:12 KUBA ISONO
ASIYI KUNIPHATHA NGABUKHOSI Roma 6:14 UMTHETHO WOMOYA WOBOM, NDAKUBA
KU-KRISTU YESU WANDIKHULULA EMTHETHWENI WESONO NOKUFA Roma 8:2



**UKUTHAKATHA.
NOKUSETYENZWA
NGOOMOYA
*Dut. 18:10-22***



**UKUNGAKHOLWA
ESONA SONO
SIKHULU Yohane 16:8, 9**

**NGUBANI NA OYAKUNDI-
HLANGULA?**

Roma 7:24



**UKUGWE-
TYWA
KWESONO**



Nje ngoku-
ba ke uMoses
wayiphaka-
misayo inyoka
entlango




umelwe ku-
kuphakanyiswa
ngokunjalo
uNyana wo-
mNtu ukuze
bonke aba-
kholwayo
kuye banga-
wayiphaka-
tshabalali
koko babe
nobomi obu-
ngunaphakade
Yohane 3:14

**UYESU
WATHWA-
LA IZO-
NO ZE-
THU
NGOMZI-
MBA
WAKHE
EMTHINI
*I Pet. 2:2***

KUGQITYIWE.

Yohane 19:30

Bekhululwe esonweni ngaye uYesu



**NDIYABULELA KUTIXO NGO-
JESU KRISTU**

Roma 7:25



**UKUFA
KUFINCE-
LWE ELO-
YISWENI
*I Kor. 15:
51-57***